



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

2016

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(50)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ube MNYE KWICANDELO NGALINYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:
 - 80 emizuzu kwiCANDELO A
 - 40 emizuzu kwiCANDELO B
 - 30 emizuzu kwiCANDELO C
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- 1.1 'Ndakuqonda loo mini ukubaluleka kwendalo.' [50]
- 1.2 Ubuntu. [50]
- 1.3 Elo bali landifundisa lukhulu. [50]
- 1.4 Gqi umzali wam ndingacingelanga ... [50]
- 1.5 Ilizwe endinqwenela ukulindwendwela. [50]
- 1.6 Uncedo kumaziko karhulumente. [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho.

1.7.1



[Uthatyathwe ku-sportimages.org.uk wahlelwa]

[50]

1.7.2



[Uthatyathwe ku-complexneeds.org.uk wahlelwa]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela.

2.1 ILETA ESESIKWENI YOMBULELO

Bhalela uMphathi weSebe lezeMfundo ubulele umboniso wezenkcubeko eliwenzele abafundi kwisithili sakho. [30]

2.2 IOBHITSHUWARI

Bhala iobhitshuwari kasomashishini. [30]

2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA

Bhala inqaku lephephandaba ngoqhankqalazo obelukwingingqi ohlala kuyo. [30]

2.4 INTETHO ENGEKHO SIKWENI

Bhala intetho yokwamkela iqela lengxoxo-mpikiswano elinindwendweleyo. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela).

3.1 ISIMEMO


Bhala isimemo esisuka kubaphathi-nkqubo kamabonakude i-*Reach Your Dreams*, umemele abantwana kwitheko lokunikezela izipho. [20]

3.2 IPOSIKHADI

Bhala umyalezo kwiposikhadi oya kwisizalwane sakho. [20]

3.3 IZALATHISI

Bhala izalathisi walathise umhambi osuka eAirport indlela eya eW.S.U. campus ehamba ngoR72.



[Ithathwe kwiRoad Atlas of South Africa, iphepha lama-51]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:**20****AMANQAKU EWONKE:****100**